

# INGUQUKO NOXOLELO



Lesson 10 for June 6, 2026

“Ukuba sithi  
sizivume izino  
zethu, uthembekile,  
ululingisa, ukuba  
asixolelele izono  
zethu, asihlambulule  
kuko konke  
ukungalungisi”

(1 Yohane 1:9)



IBhayibhile ikubeka elubala ukuba “bonke bonile kwaye basilela eluzukweni lukaThixo” (Rom. 3:23).

Ikwadandalazisa ukuba asinawo amandla okusiphepha nokusisusa isono sethu. (Jer. 13:23; 2:22).

Kodwa uThixo ukulungele ukuzixolela izono zethu. Akukho sono sikhulu okanye soyikeka ngokumandla ukuba uThixo angangasixoleli (Isaya 1:18).

Kuaele nje into enye kuphela: inguquko.



**Inguquko:**

- ➡ Ukulibazisa ukuguquka
- ➡ Ukuguquka kwenene
- ➡ Ubizo lwenguquko



**Uxolelo:**

- ➡ Ubabalo loxolelo
- ➡ Iingubo zoxolelo



# INGUQUKO



# UKULIBAZISA UKUGUQUKA

“Waphendula ke uYesu wathi kuye, Marta, Marta, uxhaliswa uphithizeliswa zizinto ezininzi” (Luka 10:41)


Endlwini kaLazaro, uYesu washukuxa imiba ebalulekileyo, elulutho kusindiso. Kodwa uMarta akazange aphulaphule. Wayengenalo ixesha. Wayezixakekise ngezinto ezininzi awayezenza! (Lk. 10:40-41).



Oku kuyenzeka nakuthi. Xa sithe sona, aze uMoya oyiNgcwele asibizele kwinguquko, uSathana usixakekisa ngento yokwenza, ngamaxhala, okanye ngezinye iziphazamiso ezisithintela ekucamngceni ngemeko yethu yesono nasekufuneni uxolelo.



Kodwa uThixo akancami. Uthi gqolo esibiza (Hez. 33:11). Ufanisa izono zethu nengubo enomzi (Isa. 64:6). Ufuna ukunaniselana nathi: simnike iingubo zethu ezingcolileyo, asinike ezicocekileyo (Zek. 3:4), ingubo ezivaswe egazini likaYesu (Rev. 7:14).



# UUGUQUKA KWENENE

“Yizani sibuyele kuYehova; kuba eqwengile, wosiphilisa; uxabele, wosibopha.” (Hoseya 6:1)

**Yintoni inguquko? Yintoni umahluko phakathi kwenguquko yokwenene nenguquko yokunkwalambisa? (2 Kor. 7:10)**

**Xa isono sizisa imiphumela yesiquphe nengathandekiyo, ukuzusola kuma ngeenyawo. Iba lihlazom kuba ebesikwenza akubanga naziphumo zihle. Ukuba bezingakhange zibe mandundu iziphumo, besingazokuzisola ngezenzo zethu. Ayisiyonguquko yenene leyo.**

**Xa sihlungiswa kukuba sonile, kuze kubekho ulangazelelo olunzulu lokuxolelwa (nokuba imiphumela injani) kusube sijamelene nenguquko yokwenene.**

**Xa sisona, uMoya oyiNgcwele uyasidlakaza, asingxwelerhe ngobuhlungu obunzulu. Ukuba sisabela ngenguquko yokwenene, uThixo uyasinyanga, asixolele izono zethu (Hos. 6:1).**



# UBIZO LWENGUQUKO

**"Guqukani ke ngoko, nibuye, ukuze zicinywe izono zenu; ngokokuze afike amathuba okuphumza, evela ebusweni beNkosi." (Izenzo 3:19)**

**UYohane umBhaptizi noYesu babuqala ubulungiselelo babo ngomyalezo ofanayo: "Guqukani" Mt. 3:1-2; 4:17).**

**Kutheni kubalulekile ukuguquka? Kuba ngaphandle kwako alukho uxolelo lwezono (Izenzo 2:38; 3:19). Yenzeka njani le nkqubo?**



**Siyasabela kubizo lwaKhe**

**Ngosizi  
olunyanisekile  
yo ngenxa  
yobubi  
esibenzileyo**

**Ngesigqibo  
esinyanisekil  
eyo sokuyeka  
isono**

**Phawula ukuba inguquko noxolelo kufuneka zisikhokelele kuhlaziyo: kutshintsho lwesimo sengqondo esisikhokela ekuyekeni isono (Yoh. 5:14).**

**UThixo uxolela izono  
zethu ngenxa yegazi  
elaphalazwa nguYesu  
emnqamlezweni (Kol.  
1:13-14)**

**Ngenxa  
yokulunga  
kwaKhe, uThixo  
usibizela  
enguqukweni  
(Rom. 2:4)**





# UXOLELO



# UBABALO LOXOLELO

"Ngenxa yegama lakho, YEHOVA, xolela ubugwenxa bam, ngokuba bukhulu bona" (INdum 25:11)



Akukho nto inyanzela uThixo ukuba asixolele. Akukho nto sinokuyenza ukuze sixolelwe. UThixo usixolela ngobabalo; ngothando lwaKhe olungenasiphelo. Uyaxolela kuba "ulungile, ukulungele ukuxolela, mninzi ngenceba" (INdumiso 86:5; bona iEksodus 34: 6-7).

Uthando lwaKhe lwamqhubela ekuzinikeleni emnqamlezweni, kwaye ahlawule ityala lesono esingasokuze sikwazi ukulihlawula (Efe. 2:4-5).



Xa sizisa izono zethu esikhondweni somnqamlezo, uYesu usothula umthwalo wesono osirhawula ngokusisisulu (Heb. 12:1-2)



# UBABALO LOXOLELO

“Ngenxa yegama lakho, YEHOVA, xolela ubugwenxa bam, ngokuba bukhulu bona” (INdumiso 25:11)

Luthini ulwalamano phakathi kwesono nobabalo?

## ULWALAMANO PHAKATHI KWESONO NOBABALO

KwabaseRoma  
5:8

“sakubon’  
ukuba  
sisengaboni”

“uKristu  
asifele”

KwabaRoma  
5:20

“apho sandayo  
isono”

“lwaphuphum  
a ngakumbi  
ubabalo”

KwabaseRoma  
5:21

“isono saba  
nokulawula  
ngokufa”

“nobabalo lube  
nokulawula... luse  
ebomini  
obungunaphakade  
”

KwabaseRoma  
6:23

“umvuzo  
wesono  
kukufa”

“isipho sikaThixo  
bubomi  
obungunaphaka  
de”




# IINGUBO ZOZOLELO

**"Athi kuye, Wethu, utheni na ukungena apha, ungenayo ingubo yomsitho?" (Mat. 22:12)**

**IBandla likaThixo—kananjalo namalungu alo—lithiwe wambu "ngeleneni ecikizekileyo, emhlophe, eqaqambileyo" kwaye "lilibandla elingenabala, elingenamibimbi nanye into enjalo" (ISiTyh. 19:8; Efese 5:27).**


**Le lineni icikizekileyo imele "yimisebenzi elungileyo yabangcwele" (ISiTyh. 19:8b). Kodwa obu bulungisa ayibobabo; babunikwe nguKrestu (ISiTyh. 7:14).**



**Xa uAdam noEva bonayo, bagquma ubuze babo ngomsebenzi wabo. Kodwa bazibona beseze phambi koThixo (Gen. 3:7-10). Umambeso abawunikwayo nguThixo wawumele "ingubo yomtshato" uKrestu asinika yona: ubulungisa baKhe obugqibeleleyo obucima izono zethu (Gen. 3:21; INdu. 51:7-10).**



**Akukho namnye oyayo eZulwini ngaphandle kwale ngubo (Mat. 22:1-14).**



**“Nabani na oza kuba ngumntwana kaThixo kufuneka amkele inyaniso yokuba inguquko noxolelo zifumaneka kuphela ngokucanyagushelwa nguKrestu. Eqinisekisiwe ngale nto umoni umele enze umgudu ngokuvisisana nomsebenzi owenzelwa yena, kwaye ngesibongozo esingadinwayo kufuneka abongoze itrone yobabalo, ukuze amandla okuhlaziya kaThixo angene emphefumleni wakhe. UKrestu akaxoleli nto ngaphandle kwalowo uguqukayo, kodwa lowo amxolelayo uqala ngokuguquka. Isibonelelo esenziweyo sigqibelele, kwaye ubulungisa obungunaphakade bukaKristu bubekwe kwiakhawunti yawo wonke umphefumlo okholwayo. Ingubo ebiza kakhulu, engenabala, ephothiweyo emazulwini, inikezelwe kumoni oguqukayo, okholwayo.”**